The arrival of General Warren is not an event that should be silently passed over by us. I hope that in our several spheres we shall do all we can to promote his mission. Perhaps we cannot do much. Still let all do what can be done. Last week I attended a meeting which had come to discuss several things. A thrill of joy passed through my heart when one of the speakers, Mbovane Mabandla, said to his countrymen, "Countrymen, the Queen has a difficult work to do. She has sent Warren to do this work. If we are required I hope that we shall be found ready to help our Queen, that Queen whose influence we must be glad to see revived in this country. We have been in tears for many years since she left us. I do not say we are "to take a definite step to-day. All I say is that we should not forget that the Queen, is in this country again, and that we should consider what we can do for Her." I repeat that this part of Mbovane's speech gave me unbounded pleasure notwithstanding a slight inaccuracy which could be detected TV over critical men.

"I need not do more than merely to call attention to this matter, and to express in the name of this Association and of all our young people and all my countrymen our joy at the Queen's arrival, as we express it; to express the hope that the Queen will not leave this country again; that General Warren will find his work less difficult than many anticipate, that he will have a speedy and a complete success, against open and secret foes of that Great Gracious, and Noble Queen, who has been one of the greatest blessings of the present age, a Queen who is not only the Queen of England, but who in a sense may be said to be the Queen of Queens. Long may she live. Oh, Queen Victoria, thou shalt never know how many hearts even in this far off Africa thou hast cheered in their passage through "the wilderness of this world." Thou art not only a Queen, but a Mother. Prosper thou in all places; prosper thou in South Africa.

The last point to which reference ought perhaps to be made by me is the existence of similar Associations in other parts. Several Associations have sprung up with the same object or objects which you have stated in Article II of your Constitution. If these Associations are to remain independent of one another, and are to have no communication with one another, then their value will be lessened by their number. I recommend this subject to your attention or that of your Committee. In dealing with it you will have to encounter difficulties arising from denominational distinctions which have already wrought much mischief in South Africa; you will to some extent be called upon to face Tribal differences and other petty causes of jealousy which render an African—"Isisulu sabo bonke abamlambeleyo.

And now in closing I must again thank you for the honour you conferred on me and repeat the hope that you will all render my position easy and pleasant; I thank you for your attention in listening to the foregoing remarks and hope that we shall all gain something from our meeting together as we have done—that our discussions will be guided by Higher Wisdom than our own—that this Association will have a long life of usefulness and that its influence will increase every year.

GOING one night to the gallery of the opera, which he thought the best place for hearing, Samuel Rogers, the poet, noticed a respectable, elderly man gazing at him intently for some time. At last, between the acts this man left his seat, and placing himself

in front of Mr. Rogers, said in a solemn tone "Pray, sir, is your name Samuel

Rogers? Mr Rogers, who cherished the belief that his works were popular with the lower classes, graciously replied that it was.

"Then sir," said the man, "I should be glad to know why you have changed your poulterer

JOHN J. IRVINE & CO.,

*Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,*

Nabatengeli bofani ngofani,

*Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu
esinjengo*

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa

JOHN J. IRVINE & CO.

*Wonke umntu ontsundu ose Jagersfontein
makaye kubona u*

Mitchell no Greenlees,

Ibulukwe ze 10/-; Ibatyi ze 12/6; Izi-
hlangu ze 12/6; Iblankete ze 10/;
Iminqwazi ye 5/.

Iswekile, nekofu, ne Cuba, zonke ezizinto zilungile zi tshipu.

*Eyona mpahla ininzi e Jagers-
fontein.*

U-M. no G. bayitenga Engilane nase Skotilan eyabo impahla. Yonke impahla yabo inyulwa ngenyameko ngabahlobo babo aba "se kaya" kwindawo ezingedulu, amaxabiso abizwa ngabo alunge nangangawapina anokufunyanwa apa e South Afrika.

*Akunaku fumana nto igqite eyabo ngoku-
lunga ngexabiso olirolayo.*

J. no-C.HEDDING
Abatengisi bempahla
Yama-Xosa,

kwi Venkile Yakwa Ngqika,

e-QONCE:

**Ikwangabo e-MKANGISO, Kwa-
TESE;1**

Kwi;Xesil elilunge ue NCABASA.

Abatengisi bo-boya, nezikumba Zenkomo nezempahla emfutshane ne mpondo.

DYER no DYER, e-Qonce nase Monti,

Bahleli bene mpahla etengisayo:

Enjengama-felane

Iblankete

Ingubo ezitambileyo zokulala Iqiya

zezandla (handkerchiefs) Intlobo

ezintsha zezigubungelo zobuso

Amaso, alingeneyo nabala lita-

ndwayo

Izihlangu nekausi

Ingubo zamadoda zekodi nezitofu

Itwil ezibomvu neziluhlaza Ityali

ezintle kunene

Ihempe neminqwazi

Imela zamaxosa nezipili

Izikotile

I-ambile zentlobo ngentlobo zobu-

kulu

Isali ne Tuma

Imikala ne berote

Ucumse necitywa

Icuba la Mabulu nela Maxosa

Ujiko Iwe-xina

„ lobedu

Iswekile zamabala onke

Uqolwane (tea) osemntsha yena Ikofu

emnandi kanye yase Rio Intwana

ezimnandana nemiqa- tane

Istatshi ne Blown

Imbiza zentlobo zonke zobukulu

Amagaba

Kuza kufika ngenqanawa into eninzi yempahla ye ntlobo zonke ivela e Yurope, kwela Mangesi—Ipuluwa Iparafin, Imiti eseyi cweliwe ivela e Amerika ne " notions" zivela e New York.

Iswekile ezivela e Morishasi (Mauritius) nase Natal , nomgubo ocolekileyo (Flour) e-Adelaide.

Konke oku kutengiswa ngama xabiso apantsi anoku- nikwa napina.

King William's Town, 23rd October, 1884.

Lishicilelwa umninilo u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith Street

King Williams' Town

nelwe kukuxasa kashushu lolu Lumanyano. Kekaloku nokuba kapelele pina *Imvo Zaba-ntsundu* lilinga elikulu : umntu obenobuga- nga bokukangelana nezixakaniso ezisendle- leni yokuqala ipepa elinje, uyakuba ngum- ntu wokubongwa nokuba akapumelelanga. Elilinga liteta into : nokuba lipumelele no- kuba alipumelelanga, liyakuba nesiqamo esi- kulu kubantu abantsundu. Kufuneka ngoko nicinga ngalo.

Indaba yemfundo iyaxoxwa kunene, ivele- Iwa kwinkalo ngenkalo. Lengxoxo isayaku- ke iziqoqo izizukulwana. Andinamatanda akuba ako amazwi atetwa ngokuqinileyo na- mhlanje ayakuti ingekabi mininzi iminyaka abonakale engeyiyonto. Nokoke kulungile ukukuteta esikolwa ukuba kuyinyaniso. Le ngxoxo ibanzi, ndibe ndingafanelana nditeta ngayo yodwa ndingabi nakuyifeza. Sento- paula amasetyana ambalwa alunge nayo. Mandihlakulele ngelithi maze sonke sibe siku- funde sakucinga okutetwe ngemfando nga- madoda anje ngo Dr. Dale, no Dr. Stewart, no Justice Shippard nabanye. Inteto zabo ziyifanele imbeko. Eyona nto inga ingake ibe nomntu oyenzayo kukuxela uluvo lwaba- ntsundu ngemfundo abayifumanayo. Ndi- sa kubona oku kuninzi kutiwa bayakuteta; noko ndisati mna iyaposwa eyona nto itetwa sithi. Kanga kungako otile oya kuyingena lendawo aze azixoxe kwintlanguaniso ezayo.

Okwangoku mandibe ndipaula ezindawana. Tina singabantu abanetamsanqa ngesi- zatu serulumente esinayo; nokuba nomonga- meli micimbi yemfundo onjengo Dr. Dale: nomhloli-zikolo onjengalo sinaye ; nangoku- ba nabongameli be Semnari abafana nenxenyetile kwaba sinabo. (2) Kulonyaka udluleyo ngokukodwa, izipata mandla ziti masiyinyamekele inteto yakowetu ; sikunya- mekele ukuyingcwanga into esiyitayayo no- kuba ikocisike. Asikuko nokuba ndavuya ndakubona oku. Inteto yesi Xosa ibe ide- Iwe ngabamhlope nangabantsundu. Kukade ndisithi lento yokudela inteto yetu kukuzibu- lala; ndiyavuya ngako ukubona ilizwi loku- nyamekela isi Xosa, listiza ngendlela engena- ikudisiwa. Ukungcwanga nokucokiseka zi- nto ezinkulu. Ndavuya ndakubona kusithiwa umtanjana awunayo imikwa yobuxumbululu. Ukungaponyelwa kolu vivotu lube loko ku- yakunceda ngapezu kwempumelelo. Luvi- wo olube luncinye izifundo endingenako ukuzingena. (3) Ndinga amalungu alentla- siganiso angaba ayatitsha, angabugonda ubu- kulu bomsbenzi awupetyo, aze azinikele kuwo ngokufanelane nobokulu bawo ; nokuba indawo eziveliswa ngu Dr. Dale, no Mhlo- li-zikolo baya kukunyamekela ukuzilinga. Anditethi kona ukuti indlela zonke eziveliswa ngalomanene ziya kuba zezelwa zilungileyo. Nokoke sakubumbula ngokuba kukade eyi- pengulula imicimbi yemfundo, sakucinga ngokunyamekela kwaco ukunyuka kohlanga oluntsundu, ndithi oko akutetayo kufanele ukwamkelwa ngemeko, kuke kuvavanywe. (4) Abanye kuni abanelisive kukupumelela uvivo lwe tishere. Banga bangapumelela nolokungena kwizikolo ezipakamileyo, baze 'badlulele nakolungapezulu. Kunjalonje so- loko kuko intiliziyoyokuba abafuna ukuqu- bela pambili ngolotholobobakutazwa abanikwa matuba mahle. Manditike ndiyabu- lela ukuba kubeko iqelana elinalomnqweno. Langa linganda. Ndiyakolwa nam ukuba abantu abanawo abakutazwa macala onke; ukuba kusayakuba lixesha beman' ukuusine- kelwa abanalomnqweno, nabade balupumela uvivo olunjalo. Kekaloku kwabangxamile- yo babe bazitshere bayibonisive indlela ngalamadodana mabini afumene imbeko yo- kukokela ukuya kwindawo ezipakamileyo, amadodana endithi anga angaba asenza kuny- ka. Ukuba umntu ulinde zishenxiswe nga- banye izipazamiso ezisendleleni, angatsho ngalipina ukuti uyindoda? Uyakulinda ku- de kube ninina ? Indlela niyalatisiwe nina bazitshere. Abangxamileyo abavumayo ukutwala ubunzima ukuze bayifumane lonto bakolwa ukuba ilungile, ndikolwa ukuba ba- ya kuyifumana indlela ingasangqabe njengo- ko ibe injalo ngapambili. (5) Amalungu alentlanganiso anomsebenzi omkulu wokubona- nisa amakowawo ixabiso lemifundo; ukuba baboniswe ukuba bayinyamekele ngoku, ku- ba xa bate bayihlizela iyemnka.

Enye indawo elunge nemfundo engendiyi- kankanya mhlambi yeyamadodana anga 25 agxotwa kwi Semnari yase Mtwaku ngomhla we 26 ka August aza amagama awo ashici- lelwa *Esigidimini* sika September. Londawo yokugxotwa' yayiyindawo enkulu eyodwa. Kwabalusizi kanye ukuba abapathi bangasiva- kalisi isiposo esenziwe ngabo bafana. Noko- ke andizi kuxoxa ngayo, ndifuna ukuyikanka- nya nje kodwa kuba yayinkulu inenteto ezi- tetayo.

Mandidlulele kweyokufika kuka General Warren, into esingefumane sithi cwaka nga- yo. Singa singati sonke kwindawana zetu sinedise ukuruququbela pambili umcimbi aha- mbele wona. Mhlambi akukukulu esinga- kwenzayo, noko kuko. Kuleveki idluleyo ndike ndase ntlanguaniseni ebixoxa ngento ezitile. Ndivuyee ndancama akuti omnye wabatethi, ongu Mbovane Mabandla, " Mako- wetu, Inkosazana inomsebenzi omkulu onqa- bileyo eza kuwenza. Itumele u-General War- ren ukuba ayenzele. Ukuba kuyafuneka ndite- mba ukuba asiya kuba semva ekuncedeni Inkosazana, lo Nkosazana sivuya sonke uku- bona ivuka impembelelo yayokwelilizwe. Oko yati yashishiya kusoloko saba sezinyembezi. Anditsho ukuti masigqibe ntweni namhlanje; ndithi kodwa maze singalibali ukuba ibuye yafika Inkosazana, nokuba masihlale sikuci- nga esingayinceda ngako." Ndiyakokela ndithi lamazwi ka Mbovane andivuyise kune, ne, nakuba abasoli bengezisweliyo indawo zokubambelela. Akusafuneki nto ingapezu kokuyikankanya lento, nokuvakalisa egame- ni lalentlanganiso, egameni labo bonke abantu abatsha nabo bonke abantu bakowetu ukuba siyavuyiswa kukufikakwe Nkosazana; ukuba singa ingase ihlala, nokuba u-General Warren wanga akangewufumani unzima ukomsebenzi wake ; ukunga angapumelela msi- nya *kangokufezekileyo*, azoyise zonke intsha- ba zalo Kumnkankazi Mkulu, Unenceba, U- dumisekayo; lo Kumnkankazi ulelinye lama- tamsanqa amakulu ezimini zetu; Ukumnka. nikazi ongenguye we England yodwa, koko -singati ngukumnkankazi wokumnkankazi, wanga angapila ixesha elide. Ewe Mtanta Omhle, Victoria akusayi kuze uzazi oko zi- ngako intiliziyoyizivuyisileyo nakule South Africa ikude, xa zipumla kulentlango yeli lizwe. Akungukumnkankazi nje kodwa, ungumzalikazi. Cuma kulo lonke, cuma na- se South Africa.

Indawo yokugqibela endiya kuyikankanya

yeyokuba kuko intlanganiso eziliqela ezikwa- sebenzela ezindawo ijonge kuzo. Ukuba ezintlanguaniso aziyikudibana, ukuba azina- ndlela yokuvisisana indaba amanani azo aya kulincipisa ixabiso lazo. Lendawo ndithi inga ikomiti yenu ingayikangela. Ekuyiqi. beni niyakufika ixabile umvalo wokuba ire- mente zahlukene kwelilizwe, ulwahlukano oselubange amashwa amaninzi apa e-South Africa. Nizakufika oko nomvalo wokuba kuko izizwe ngezizwe; ziko nazinye izinto ezivuselela amakwele ezibange ukuze tina bantu bantsundu sibe " sisisulu sabo bonke abasilambeleyo."

Ekugqibeni mandibuye ndinibulele nge- mbeko enindinike yona, ndivakalise ukuli- ndela kwam ukuba niyakuwenza lula umse- benzi wam, niwenze mmandi, ndiyakubulela ukupulapula kwenu. Sanga sonke singago- duka sinoluto esilufumene kule ntlanguaniso ; zanga izixoxo zetu zingakokelwa Bubulu- mnko obungapezu kobetu lwanqatu. Olumanya- no lungaba nemihla emininzi yokunceda a ze luye lusanda iminyaka ngeminyaka.

Intlanganiso yelibandla yayise Debe kwelika Marela, yayingomhla we 6 kwa- da kwasa kowe 7 ka January 1885. Amalungu awayeko ayekuma 36 ngapandle kwenkitha yababoneli.

Kwatike kuba u-Mongameli wayebale ukuti woba nokufikelela ngokuhlwa, kwasekunywela u-Rev. Eben. Magaba ukuba ake abe egcina isihlalo. Intlanga- niso yayulwake ngomtandazo ngexesha ledinla.

Yati yakuba ifundiwe imicimbi yentlan- ganiso edluleyo eyayise Bofolo, yakuya- bekelwa bucala. Kwababengeko izizatu zokungabiko kwo Messrs. Bokwe, Bovu- la, Mhlambiso, Mama no Rev. W. Philip zangeniswa zamnkeleka, kunye nesika Mr. Dlakiya. Kwatike emva ko 2 o'clock yake yapuma intlanganiso.

Yakuba ingene ngexesha lesine, uku- mnka komhla, kwati ngokwesiko lentla- nganiso kwamkellewa ekubeni ngama- lungu—o Reverends Mama, Mzimba, D. Msikinya no Messrs. Eben. Tsewu, Tokota, Fini, Jas. Figiland, Ntsangani, Foxongwana, P. Magaba, Danga, S. Kama. Mbaza no Aaron Mali. Yaqalake ukukangelwa imicimbi yentlanganiso edluleyo, yaza yafunyanwa ilungile nga- pandle kwendawana ezitile ezingepi.

Umncedisi Mbali u-Mr. James Bovula wavakalisa ukuba wayipendula intlanganiso yase Batenjini eyayifuna ukuba ye- nziwenye nale, watsho kwatike noko aka- kwamni mpendulo. Yati noko yaku- xoxwa lendawo kwabonakala ukuba lo- ntlanguaniso yaba Tembu mayibe iya- mnkele lomimiselo.

Kwayena u-Mr. Bovula wakanakanya ukuba ngendawo yokuba kwakutiwe ma- kabale ibali lalentlanganiso kususela kwasesisekweni sayo, akabanga nako.

U-Mr. Gawler ute londawo ibangelwe kukuba u-Mr. Bovula engabuzanga kwa- bona bantu banokwazi kakuhle ngayo, ke ngoko vena uti makabuye ayibale, ayizise kwintlanguaniso ezayo. Kwavuyiwe nyanke ke ngelo.

Ingxelo ye Komiti yangeniswa ngu- mbali u-Mr. Sakuba, eyabonisa ubufupi bentlanganiso ngecala lase malini. Yabuya ke yapuma intlanganiso ngokuhlwa emva kwexesha lesixenxe.

Ngexa lesitoba yabuya yangena, kaloku isihlalo satatyatwa ngumniniso u-Rev. Elijah Makiwane u-Mongameli.

Indawo ezayalezwayo e-Komitini yaba zezi —(1) Ukuba bati abangaboneli aba- koyo ngezixaso nendawo yokulala eku- nikeni bakupe isiheleni emnve. (2) Uku- ba ukwaziswa kwosuku lokuhlangana kwentlanganiso kungeniswe kuwo oma- bini amapepa esi Xosa *Isigidimi* ne *Mvo* ; kwavunyelwanake ngezondawo.

Kwafundwaka ipepa elipuma kuma Koboka awakululwayo, lokuba kucingwa ngokukunjuzwa i-Jubilee yokukululwa kwamakoboka elalutinyelwe ngumbali walo Jubilee u-Mr. Ed. H. Burness.

U-Rev. E. Magaba ohlonyelwe ngu Mr. Bovula ute yena lendawo mayike iyekwe yokangelwa kwezayo intlanganiso.

Ukucasa londawo kusuke u-Mr. Gawler, ohlonyelwe ngu R. Gosa, ote yena mayixoxwe ngoku. Kwakuba kwahlu- lelwene kwaya ngelika Rev. Magaba.

Ngokungabiko ko Mgcini-Ndyebo u- Mr. J. K. Bokwe, indawo yake yatatyatwa ngumbali u-Mr. Sakuba, eyake indawo yatatyatwa ngu Mr. Bovula.

Zakuba ziwile inkozo zomnikelo kwa- vakaliswa ukuba zakuba zisusiwe indle- ko imali ekoyo yiponti enesheleni zonta- tu ne nayipenisithi (E1 3s 9d).

Kwafundwaka ipepa ngu Mongameli ngesi Ngesi nesi Xosa, elatabata iyure ene halafu. Emva kwaloko kwabako ingxoxo eshu- shu kunene, eyangenwa ngo Messrs Ma- kapela, Sakuba, Gosa, W. K. Ntsikana, Gawler, Bovula, Xanti, Tyamazshe, no Ma- hlutshana. kwano Rev. Mzimba, Rev. Msikinya no Rev. Mama. Kwavunyelwanake ekubeni lenteto ize ishicilelwe kwi *Sigidimi* nakwi *Mvo*. Intlanganiso ke ibuye yapuma emva kwexesha lesibini ekusem.

Kusile yabuya yadibana emva kwexa lesitoba, kwati kuba u-Mongameli ebese- lennkile isihlalo satatyatwa ngu Mr. Tyamazshe.

Ute u-Mr. Tyamazshe Izikolo ezipantsi kwaba Fundisi ziwe ngenano kakulu kwindawo ebizifanele, ke lixesha lokuba aelwe u-Rulumente azivuse.

Kwingxoxo eyalandelayo intlanganiso yaba zwinye kwezindawo mbini. (1) Ukuba lentlanganiso ilusizi ngenxa ye- ntswela 'nkatalo ya Bazali ngakubantwa- na. (2) Yaye icela o Titshala ukuke o- kwangoku babe nonyamezelo bangase- bepanga kwa Rulumente, kuba kubenja- lo lonto ingadala izipitipiti kubafundisi ibangele nokongezelwa kwe **rafu** eba- ntwini.

U-Mr. Daniel Mini wangenisa eye Kazi okokuba lilungile, kuba linika (1) isitu- nzi kumyeni, (2) laye lisisonka kusonto- mbi.

Watelela kuyo lonteto u-R. Gosa nge- nteto eshushu kunene. U-Mr. Alex. Njokweni naye waleka watsho, esithi aka- boni nto yokuba afumane umntu amlahle umntwana wake, kubantu. Ababayeni bangoku, abangasayi kuze benze luncedo lwantobukweni, koyise nonina. Uqube wenjenjaloke eteta nange ofisi ukuba se- lesithi ngoku etelekiwe umfazi nantso indoda itsala isiya kumangala kuba inga- zanga yalobola, kona ngeyisazi ukuba etelekiwenje kufunwa inkomo, njaloke.

U-Mr. Gawler ute yena alilungile nento ikazi kuba lingavumelani nento zase ku- kanyeni. Ubuze u-Mr. Ntsikana ukuba

Umanyano Ngemfundo.

Abalimi na Barwebi.

E-MARKENI.

E-KOMANI (January 30). Ibotolo, 2/ to 2/6 ngeponti Iralasi, 10/ to 14/ ngekulu Amaqanda, 9d to 1/3 ngedazini Ihabile, 5/6 to 7/6 ngekulu Inkuku, 9d. to 3/ inye Umgubo, 14/ to 16/3 ngekulu Ibran, 6/ to 8/ ngenxowa Umbona, 24/ to 26/ ngenxowa Amazimba, 23/ to 25/ ngenxowa Itapile, 7/ to 11/6 ngenxowa

S.CAWA (Jan. 20). Iapile, 2/ to 2/7 ngekulu Iralasi, 10/ ngenxowa Ibran, 5/ ngenxowa Amaqanda, 1/ to 1/7 ngedasini Umgubo, 26/ ngenxowa Amatanga, 1/6 to 3/6 ngedazini Itapile, 5/6 to 6/ ngekulu Umbon' omtsha, 11d ngedazini Inkuni, 14/ ngefara

E-BAYI (Jan. 20.) Iralasi, 8/9 ngekulu Ibran, 10/ ngenxowa Ibotolo, entsha, 3/3 ngeponti Eneyuwa, 2/ to 2/6 ngeponti Amaqanda, 1/6 ngedazini Ihabile, 3/6 to 6/ ngekulu Umbona, 10/ to 12/ ngekulu Umgubo, 12/6 ngekulu Ikwakwini, 7/6 inye Itapile ezintsha, 3/ to 6/6 ngenxowa Inkuni, 20/ to 50/ ngefara

E.MONTI (Jan. 30). Ibotolo, 1/6 to 2/3 ngeponti Amaqanda, 9d to 1/ ngedazini Itapile, 4/3 to 6/6 ngenxowa Umbona, 15/ ngenxowa Inkuku, 1/8 to 2/2 inye Amatanga, 4/6 ngedazini Inkuni, 1/8 to 2/2 ngefara

E-CRADOCK (Jan 27.) Ibotolo, 2/2 to 2/9 ngeponti Ibran, 12/ ngenxowa Umququ, 5/6 to 6/ ngevol' saka Amaqanda, 1/ to 1/4 ngedaxini Imfele zebokwe, 1/3 to 4/6 lulunye Amazimba, 29/ ngamakulu amabini Amatanga, 6/ to 9/ ngedazini Ikwakwini, 7/6 to 12/6 inye Imfele zegusha, 1/6 to 3/ lulunye Itapile, 8/ ngekulu Inkuni, 20/ to 40/ ngefara

E-QONCE (Jan. 31.) Iralasi, 7/ to 8/9 ngekulu Amazimba, 13/ ngekulu Umbona (obembi), 12/ ngekulu Inkuku, 1/1 to 1/6 inye Ivatala, 2/ to 6/3 ngedazini Amatanga, 3/ ngedazini Ihabile, 2/10 to 3/8 ngekulu Itapile, 3/ to 6/9 ngenxowa Inkuni, 6/ to 21/ ngefara

E-BOFOLO (Jan. 30.) Inkuni, 5/ to 8/3 ngefara Inkuku, 9d to 1/1 inye Ibotolo, 1/9 to 2/9 ngeponti Amaqanda, 2d to 1/1 ngedazini Ihabile, 5/ to 5/3 ngekulu Itapile, 4/6 ngenxowa

E-KOBONQABA (Jan. 30.) Ihabile, 13/ to 17/ ngekulu, lezitungu Umgubo, 27/ ngenxowa Itapile, 8/6 to 10/ ngenxowa Iralasi, 9/ to 10/ ngenxowa Ibotolo, 1/3 to 1/6 ngeponti Amaqanda, 9d to 1/ ngedazini Inkuku, 1/ to 1/3 inye

Notice to Subscribers!

lowo ucukumise indawo yekazi, utetana- ke ukuba imitshato yase Tyalikeni nase- zi Ofisini iyekwena, kuba umntu engena- kutshatshiwa ngamasiko amabini, ngoko- mteto wasekukanyeni aze abuye alobole ? Usho wati kaloku ukuba kuyalotyoli- swa makuqutywe kanye ngelase kulobo- leni poqo, mhlope. Uqubeké njalo waza kupeta ngelithi kaloku ukuba sithi silande- la ezokukanya izinto masahlukane nezase bumnyameni.

O Messrs. Bovula, Sakuba no Mahlu- tshana nabo bateta bebonisa ukungalingi kwalo.

Kuteke kuba ebuye wabuyekweyeke um- kwezeli 'ndaba u-Mr. Mini yafumana ya- yekwa ingazanga sigqibeni saluto. Yape- lake longxoxo emva kwe yure enesiqinga- ta.

Kwaveliswaka nendawo yokuba ziti zo- nke ingxoxo pambi kokuba zingeniswe ke zikangelwe yikomiti etile enyuliweyo.

U-Mr.Gawler uvelise indawo yokuba Abongameli Bezikolo bacelwe ukuba ba- be ngamalungu entlanganiso. Londawo yacaswa shushu kanye, babane abayivu- mayo yali 15 elingayivumiyayo.

U-Mr. Sakuba ungenise indawo yoku- ba izimiselo zentlanganiso zishicilelwe ngenteto zombini isi Xosa nesi Ngesi, na- kuba londawo ibuye yayekelwa ngenxo yobufutshane bentlanganiso ngase malini.

U-Rev. Mama ute ezinteto zombini ma- zifane mayithi yonke ingxoxo ekoyo ibe ngazo zombini, ngokukodwa xa kutetwa ngento eyayama abantsundu ikakulu. Kwavunyelwanake ukuba ngokungapezu- lu, amapepa asukuba efundwa afundwa ngezinteto zombini.

U-Mr. Bovula ute, onke amapepa asu- kuba eza kufundwa, makatunyelwe ku Mbali kuxelwe into angayo, ukuze kube nokwaziswa ngawo kwangapambili. Watike lonke ipepa elintloko ingatanga itu- nyelwe kumbali, inyanga pambi kokuhlala- ngana kwentlanganiso malfiti libekelwe bucala lingafundwa, de kwaziswe ngexesha kwezayo ukuzeke lifundwe. Kwavuyiwe nyanke nangaleyo indawo.

U-Mr. Bovula uvelise indawo yokuba iholide ezi zentsuku ezilishumi zipeliswa, kuthi njengakwizikolo ezikulu kolulwe ezi zo June no December. Ubonisweke okokuba lonto ingaba nzima kwintwana ezincinane ekufuneka zimane zifumana ukupumla, kwatshiwokwathiwa eziholida- na ziluncedo kubazali nako itshala aba- lima umhlaba. Ube nemvoke wayiye- kelela londawo.

Ipepa lika Mr. Hay alibangako ngokuthi kanti lise posini aliyanga kutatya. E- lika Mr. Mjokozeli, elingaziwanga noku- ba belinga ntonina kona, alifikanga, aka- tumelanga nokwazisa ngembangiyoku- ngabiko kwake.

U-Mr. Gawler ufunde elake nge " mteto yesi Xosa. " Kubekoke ingxoxo pezu kwalo, ngendawo yokuthi inteto le ifune- ka ilungiswe yafundwa okwangoku ayi- nasihlahla. Kulungxoxo ibe ngo Messrs. Mahlutshana, Bovula, Ntsikana, Tyamazshe no Rev. B. Mama kwa no Mr. Xiniwe. Kwagqitywa kwelokuba elope- pa litunyelwe liye kushicilelwa kwi Afro nakwi *Sigidimi*.

Abaya kufundwa amapepa kwezayo kwa- miselwa ukuba ibe ngo Mr. P. Tyamza- she, W. K. Ntsikana, no C. Mahlutshana.

Intlanganiso ezayo kwamiselwa ukuba ibese Mggwakwebe kwa Hleke. Londawo ke intlanganiso ngomtandazo ngu Mr. S. Makapela.


ILIZWI U " MR. " Port Elizabeth,

December 17th, 1884.

Nkosi yam mhleli *Wemvo Zabantsundu*, kaundifakele apo epepeni nangu umbuzo ndiwubekisa kumanene akowetu ane- ngqondo nantloko zihluzekileyo. Liteta ntonina elilizwi lokuthi Mr? Nokuba lixela ukupakama komntu kusinina? Kufanele- kile na ukuba kutshiwo kum ndiyi- dyasi yase Ngqushwa nje? Lendawo nditshoyo kuko indawo endiyipaulayo endingekayiqondi kakuhle ndingazi no- kuba ndingaba ndenziwa kukuba intloko isaxinene nokuba ndiyidyasi yase Ngqushwa kusinina. Inkulu ke lonto yokuthi Mr. Nantsi apa kwelilizwe. Into endiyibonayo lifika Iqaba lambete idyasi emqala u bomvu livela e-Ngqushwa kuba kambe kutiwa yonke into eliqaba ivela e-Ngqushwa apa e-Bai. Liti ke lakufika liyokusebenza ebhisisi lide libe ne malana liti ke ukuqala kwalo ukuzakuba ngu Mr. Nantsi liyoku mejela Izihlangu eziku- copa kungatubeleza itshikini lenkuku kwa Mr. Ngcoza liti ukupinda lingene kwi suit yonoxesha yeka ke libe ngu Mr. Nantsi kwangalomini. Elilizwi liteta umntu onengubona kanti? Uzakuthi ke ngoku aqale ahluwane nedyasi ati, wetu yehla kum ndidinye nguwe ixesha lalo lipelile aqale aye nase tyalikeni kanti umhlambiakuxonto ayiyelayo uyakubo- nisa lo suit yake yonoxesha negama lake lokuba Dumezweni aka sazukulwiza ngalo kuba lipantsi kuzakutiwa ngoku William mhlambi Mr. Nantsi. Kwenza ngantonina lento kungena kutshiwo ku- mntu nxa engahombi. Ndithe ke ukuba elilizwi kuthi liteta u.bukulu nokupa- kama komntu kufanelekile na ukuba kutshiwo kumntu ongenjalo? Kuba kambe uti umntu akulahlala Idyasi kutiwe ukubizwa kwake Mr. Nantsi. Oko ke kube kukuthi linene i-gentleman. Nxa asambete idyasi eqabe nembola akutshiwo ukubalinene ubunene obu buziswa zingu- bo na emntwini? Umntu nxa ebefunda incwadi yo A waza wayigqiba wangena ko A. B. C. bamangesi ku nokuthiwa Sisityu- dini na? U- Mhlaumbi kunokwenzeka na ukuba umntu akupuma ko A. B. C. asele fundiswa ku No. 5 and 6 Royal I Readers? U-Mhlaumbi nxa efundiswa amanani wagqiba i-Numeration ne Nota- tion unokuthi aselefundiswa i-Vulgar Fractions i-Practice ne Decimals na? Mna nxa ndiyikangeleyo lento ngathi injalo. Ke ndisafuna *uku*ke ndiyicacise- Iwe ngoku mhlope ndizokulahlala eyam idyasi ndizifunele onoxesha bamajodi. Ndizokude ndibe ngu Mr. Hosha ndi- ngabi ngu Nqokoto ndibe ngu Wiliyam Owenu wafuti,

HOSHIAN NTULO.

[Lombali ugqite umteto wazo zonke i- koranti wokuba inteto yake ayibale caleni linye lepepa.— EDITOR *Imvo*.]



EDUCATED NATIVES.

W E to-day give our readers the conclusion of the instructive lecture delivered by the

Rev. E. MAKIwane before the members of the Native Educational Association last month, the first part of which appeared in our last issue. We may comment upon some of the points touched upon in this address later on, meantime we are satisfied with devoting the space for our usual editorial remarks to the publication of these sensible observations.